



UNksk. Angie Motshekga.
uMphathiswa wemfundo
esisiko.



UMnu. Enver Surty
uSekela Mphathiswa
wemfundo esisiko.



**XHOSA HOME LANGUAGE
GRADE R – BOOK 2
TERM 2
ISBN 978-1-4315-0702-3
THIS BOOK MAY
NOT BE SOLD.**



9 781431 507023

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, zonyaka wokwamkela abafundi abaqalayo (Grade R), ziyinxalenye yendlela yobuchule yeSebe leMfundo esisiko yokunyusa umgangatho wabantwana besikolo baseMzantsi Afrika. Iziphumo zophando zibonisa ukuba kunyaka ngamnye abathi abantwana banikwe amathuba okwenza imisetyenzana ekhuthazayo/enika umdla phambi kokufunda ibanga lokuqala, baqhuba kakuhle ezifundweni zabo kwiminyaka elandelayo – yonke iminyaka yokufunda kumabanga aphantsi nawasesekondari. Kungoko kugxininiswa ngamandla ekufundeni iBanga R.

Ikharithyulamu yesiGaba esisiko ifuna abafundi beBanga R banikwe ithuba lokuphuhlisa izakhono zabo zakwangaphambili zokufunda, zokubhala nezokubala kwaye ikwakhankanya izakhono eziyimfuneko ukuze bafumane isiseko semfundo eluqilima ukuze kube lula ukufunda kwibanga lokuqala nakwangaphaya.

Iincwadi zokusebenzela zeBanga R zijolise ekuncedeni abantwana baphuhlise ezi zakhono kunye neengqikelelo ezingundoqo ezifunekayo ukuze babe nesiseko esisiso sokufunda. Ezi ncwadi ziqulethe amathuba okuba aba bantwana baphuhlise kwaye basebenzise izakhono eziya kubalungiselela amabanga alandelayo.

Phambi kokuba abantwana bafunde ukufunda ngokusesikweni, kufuneka bafunde indlela yokubamba nokutyhila incwadi kunjalonje baqonde nendlela esebenza ngayo. Kufuneka baqonde ukuzalana okuphakathi kwemifanekiso namagama asencwadini, baqonde nokuba amagama enziwa zizandi kwaye anentsingiselo. Ngokunjalo, phambi kokuba bafunde ukubhala kufuneka baphuhlise izakhono zabo zokusebenzisa amalungu omzimba, baziqhelise ukwakha iimilo baze bagqibele ngokukwazi ukubhala oonobumba. Zezi zakhono kanye eziza kuphuhliswa zezi ncwadi zokusebenzela.

Siyazi ukuba abantwana bayashiyana ngokuqonda kwaye ezi ncwadi zenza ukuba ootitshala bakwazi ukusebenza ngesantya somfundi ngamnye baze babuye umva okanye baye phambili xa kuyimfuneko ngokwenkqubela yomfundi ngamnye. Imisebenzi ekhoyo iya kunceda ootitshala bakwazi ukuqaphela ubunzima obufunyanwa ngabafundi ekufundeni kwabo ukuze baziqwalasele ezo meko phambi kokuba umntwana aqale isikolo ngokusesikweni.

Ezi ncwadi zokusebenzela zihlanganisa ukufundwa kolwimi, izibalo kunye nezakhono zobomi ngemixholo engama-20, zisebenzisa iindlela ezonwabisa nezisebenzisayo ukuze zibe nokutsala umdla womfundi. Siyathemba ukuba abafundi benu baya kukonwabela ukwenza imisetyenzana ekwezi ncwadi zokusebenzela njengokuba beya bekhula kwaye befunda, nokuba nawe njengotitshala wabo uya kwabelana nabo kolu yolo.



Ihlaziywe yaze
yalungelelaniswa
neCAPS

Ibanga Labaqalayo

INCWADI YOKUSEBENZELA 2

Igama:

Iklasi:



basic education


Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INCWADI YOKUSEBENZELA
YESIXHOSA

Incwadi
yesi-


2

Ikota 2



iAlfabethi

Aa



Amanani

Bb



Cc



Dd



Ee



Ff



Gg



Hh



Ii



Jj



Kk



Ll



Mm



Nn



Oo



Pp



Qq



Rr



Ss



Tt



Uu



Vv



Ww



Xx



Yy




Zz



1




2



3



4




5



6



7



8



9




10



Imilo nemibala

isangqa




sibomvu

imbhoxo




imthubi

unxantathu



uzuba

isikwere



siluhlaza

uxande



lu-orenji



Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Fourth edition published in 2016

ISBN 978-1-4315-0702-3

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

This book may not be sold.

Ibanga Labaqalayo

IHLANGANISIWE

- Ulwimi
- Izibalo
- Izakhono zoBomi



1	Ikhaya lam	2
2	Ukhuseleko	14
3	Usapho lwam	24
4	Iimvakalelo	34
5	Imozulu	42



Imiyalelo yemisiko ifumaneka
ngasemva encwadini.



Kutitshala:

Kufuneka abafundi baziqhelise imisebenzi yabo kuqala phambi kokuba bayibhale kwiincwadi zokusebenzela.
Umzekelo:

- Xa kufuneka abafundi babiyele impendulo echanekileyo, mabaqale ngokuphawula impendulo echanekileyo. Emva koko kufuneka baqinisekise kutitshala ukuba ichanekile ngenene na phambi kokuba babhale ezincwadini zabo.
- Xa umsebenzi ufuna bakhuphele, mabasebenzise iminwe yabo kuqala baze balandele ngokubhala.

Qaphela: Abafundi bakumanganaba ohlukeneyo okugonda. Ukuba unabafundi obaqapheleyo ukuba bafuna ukunikwa ingqalelo eyodwa ukuze baphuhlise izakhono zabo zokubamba, banike ithuba lokuziqhelisa kwiincwadi zabo zokubhala ezinemigca bade bazithembe ngokwaneleyo ukuba babhale ezincwadini zabo zokusebenzela.



ISIXHOSA

Incwadi
yesi-

2

Ikota 2



Ikhaya lam




Beka
oononca
kwindawo
echanekileyo.




Masithethe

Ncamathelisa oononca uze uthethe
ngento eyenziwa ngaba bantwana.
Uncedisa njani ekhaya?
Yintoni ekonwabisayo oyenza
ekhaya?





Igama lam ndingu






Masibhale

Qoqosha eli gumbi. Sebenzisa oononca uze ufake izinto zokudlala ebhokisini, iimpahla ekhabhathini uze ufake ukutya efrijini. Sesikuqalele kufuneka ke wena ugqibezele.

ibhokisi yezinto zokudlala








ikhabhathi






ifriji





Masifunde

Xela ukuba umfanekiso ngamnye ngowantoni. Mamela izandi uze uxele ukuba kutheni isandi sokugqibela kumgca ngamnye sivakala ngokwahlukileyo. Wakugqiba sika le mifanekiso kwiphepha lemisiko uze uyitshatise.






Sebenzisa imibala eyahlukileyo emithathu uncede umntwana ngamnye agoduke ngokukhuselekileyo.










Masibhale

Landela unobumba ngomnwe wakho
Qala kwichokoza uze ujikeleze.





isele

Khuphela unobumba ongu **S** kwezi nyoka.






Bhala igama lakho uze ubeke unonca womsebenzi omhle.





Masibhale


Bhala unobumba u **S** uze umamele kwisandi njengokuba ubiza igama ukhwaza.

i s onkai s andlai s antii s ithendei s ihlangui s igcawu






Masibale

Phawula iibloko ezinezinto ezine kuzo.
Qhwaba izandla kwinto nganye oyibonayo.



 Ziqhelise ukubhala la manani.






Igama lam ndingu



Masibhale

Khuphela uze ufakele imibala kwelinye icala lomfanekiso.





Masicule



Senza nje

Senza nje xa sihlamba iimpahla,
Sihlamba impahla, hlamba iimpahla,
Senza nje xa sihlamba iimpahla zethu,
Ekuseni kusasa ngoMvulo.

Senza nje xa siayina iimpahla,
Siayina iimpahla, siayina iimpahla,
Senza nje xa siayina iimpahla zethu.
Ekuseni kusasa ngoLwesibini.


Senza nje xa sitshayela phantsi,
Sitshayela, sitshayela phantsi,
Senza nje xa sitshayela phantsi,
Ekuseni kusasa ngoLwesithathu.

Senza nje xa sihlamba iimbiza,
Sihlamba iimbiza, hlamba iimbiza,
Senza nje xa sihlamba iimbiza,
Ekuseni kusasa ngoLwesine.

Senza nje xa sicoca indlu,
Sicoca indlu, sicoca indlu,
Senza nje xa sicoca indlu yethu,
Ekuseni kusasa ngoLwesihlanu.

Senza nje xa sibhaka ikeyiki,
Sibhaka ikeyiki, bhaka ikeyiki,
Senza nje xa sibhaka ikeyiki zethu,
Ekuseni kusasa ngoMgqibelo.

Senja nje xa sisiya ecaweni,
Siya ecaweni, siya ecaweni,
Senja nje xa sisiya ecaweni,
Ekuseni kusasa ngeCawe.



Masithethe



Thetha ngemisetyenzana
oyenza ekhaya



Masenze

Beka isincamathelisi kwizikhewu ezichanekileyo ebhokisini.
Xela ke ngoku ukuba iphi na into nganye yokudlala.

Beka
unonca
kwizikhewu
ezichanekileyo.



ngaphezulu

ngaphakathi



ngaphambili



ecaleni



Igama lam ndingu



Ukhuseleko ekhaya






Masithethe

Jonga aba nonca
uze uxele ukuba
kufuneka wenze
ntoni ngezi zinto
ukuze uhlale
ukhuselekile.

Beka
isincamat helisi
kwizikhewu
ezichanekileyo.



Masithethe


Jonga umfanekiso uze uxele ukuba yintoni eyenziwa ngaba
bantwana enobungozi.
Beka unonca obomvu ubonise into abayenzayo
engakhuselekanga.
Yintoni engakhuselekanga oyenza ekhaya?
Yintoni engakhuselekanga oyenza xa udlala phandle ekhaya?







Masibhale

a



iapile

Landela unobumba ngomnwe wakho.
Qala kwichokoza uze ujikeleze.



Khuphela unobumba.






Masibhale

Fakela unobumba ongu-**a** uze umamele isandi njengokuba ubiza amagama ukhwaza.



Bhala igama lakho uze ubeke unonca womsebenzi omhle.





Masenze

Imibala yeerobhothi:
Ncamathelisa oononca kwirobhothi.



bomvu

mthubi

luhlaza



Masithethe

Faka umbala kwirobhothi yonke.



Masenze

Khangela amanani akule fowuni.
Wacofe ngokulandelelana kwawo.

--	--	--	--	--	--	--	--	--	--




Ukhuseleko phandle



Masithethe

Ncokola malunga nokuba kutheni
kungakhuselekanga ukudlala kwezi
ndawo.






Masibale

Impuku ifuna amaqhekeza amahlanu etshizi. Biyela ngesangqa inani elichanekileyo uze ulikhuphele.




5

Umvundlana ufuna iminqathe emihlanu. Biyela ngesangqa inani elichanekileyo uze ulikhuphele.






5

Intombazana ifuna amaqebengwana ekeyiki amahlanu. Biyela ngesangqa inani elichanekileyo uze ulikhuphele.



5





Ziqhelise ukubhala eli nani.







Masibale


Bala izinto ezikwibhokisi nganye. Xela ukuba yeyiphi ibhokisi enezinto ezininzi iyeyiphi enezinto ezimbalwa.



Masibhale

Khangela imifanekiso efana naleyo isebhokisini esekuqaleni uze uyibiyele.





Masibhale


Khuphela u-**a** kunye no-**s**

a a a a a a

s s s s s s



Masibhale

Ngawaphi amagama anesandi esingu-**s** okanye esingu-**a**.
Khuphela unobumba ochanekileyo.

a s



a s



a s



a s



a s



a s



a s






a s



Masibale

Bala ukuba zingaphi izilwanyana kumgca ngamnye.
Faka umbala kumachokoza uze ukhuphele inani.





Usapho lwasekhaya



Beka
isincamathelisi
kwizikhewu
ezichanekileyo.






Igama lam ndingu



Masithethe

Jonga emfanele isweni uze uxele ukuba
ngoobani abantu bolu sapho.
Thetha ngosapho lwakowenu.
Bangaphi oodade wenu nabanakwenu



Zoba umfanekiso wosapho lwakowenu uze uxelele umhlobo wakho ukuba ngubani umntu ngamnye okuloo mfanekiso.






Igama lam ndingu



Masibhale

Dibanisa amachokoza. Wafake imibala.







Masibhale

t




itafile

Landela ngomnwe wakho lo nobumba. Qala ngamachokoza.





Khuphela unobumba.






Masibhale

Bhala unobumba u-**t** uze umamele isandi xa umbiza ukhwaza.

itafileisitovuitumatoitotiitephuiitapile

Bhala igama lakho uze ubeke unonca womsebenzi omhle.





Masibale

Krwela umgca uze utshatise imifanekiso nenani elichanekileyo.
Emva koko khuphela inani. Sebenzisa iminwe yakho ukubonisa inani ngalinye.

1			
2			
3			
4			
5			











Masibale

Amanani nemibala:


Ncamathelisa oononca bakho
ukuze ugqibezele lo mbungu.

Beka
oononca
kwizikhewu
ezichanekileyo.



Masifunde

Sebenzisa oononca beemilo
ukuze uzenzele owakho
umfanekiso.






Izimvo




Beka
oononca
kwizikhewu
ezichanekileyo.





esokungcamla



esokubona



esokunukisa



esokumamela




esokuva
ngesandla



Masithethe








Jonga emfaneleweni uze uthethe ngento eyenziwa ngabantwana.
Yalatha abantwana abanukisayo, abamameleyo, abajongileyo
nabangcamlayo.





Masibhale

Krwela umgca ukuze utshatise isenzo kunye nezivo oza kuzisebenzisa.





Igama lam ndingu



Masenze

Yenza eyiphi ingxolo?


Yenza isandi uze ubiyele ngesangqa ezo zinto zingxola kakhulu.







Masibhale

p




ipenisile

Landela ngomnwe wakho lo nobumba. Qala ngamachokoza.




Khuphela unobumba.






Masibhale

Bhala unobumba u-**p** uze umamele isandi xa umbiza ukhwaza.














Bhala igama lakho, lifunde uze ulibize uqhwaba. Ncamathelisa ke ngoku unonca womsebenzi omhle.





Masibale

Bala ezi zinto uze ufake umbala kwinani elichanekileyo lamachokoza. Emva koko khuphela inani elichanekileyo.















Masibale

Khuphela inani.

Faka ke ngoku umbala kwinani elichanekileyo lezinto ezikumqolo ngamnye.



Jonga imozulu kumfanekiso ngamnye uze ukhethe unonca of anelekileyo ubonise into onokuyinxiba kwimozulu enjalo.







Masenze

Beka isincamathelisi ukuze ubonise ukuba injani na imozulu kumfanekiso ngamnye.

Beka unonca kwizikhewu ezichanekileyo.



Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubonayo.
Yeyiphi imozulu eboniswa kumfanekiso ngamnye?
Ucinga ukuba intombazana esemvuleni iziva njani? Ngoba kutheni?
Yeyiphi imifanekiso ebonisa imozulu ebandayo?
Sinxiba ntoni xa kubanda?
Ngowuphi umntwana okhangeleka onwabile?



Masibhale



i-inki

Khuphela unobumba ngomnwe wakho.
Qala kwichokoza.



X









X



X


Zoba iziqu zezi ntyatyambo.






Masibhale

Bhala unobumba ongu-**i** uze umamele isandi njengokuba ubiza amagama ukhwaza.

isitshixo



ivili



intombi



isitya




izinki



isinki

Bhala igama lakho uze ubeke unonca womsebenzi omhle.





Igama lam ndingu



Masicule



Masicengceleze.

Beka
unonca
kwizikhewu
ezichanekileyo.



Umoya, imvula nelanga

Moya ndini waseNtshona,
Namb' enkulu elibhelu
Sivundu -vundu esimandla
Mphephukisi wamagqabi,
Mtyhobozi wamahlathi,
Nodiliza kwa nezindlu,
Usenjenjalo nje,
Ungumtshayelo wendalo.

Siphango ndini semvula,
Sithwalwa ziingqimba zamafu,
Songxangxasi zamanzi,
Zikhukula zemvula,
Somisinga enamandla,
Machityan' aludakana,
Usenjenjalo nje,
Ungumhlambi wendalo.

Langa ndini elishushu,
Ngqatsini ebilisayo,
Ngubo nkulu yamahlwempu,
Nozala wamaxesh' omnyaka,
Sibane sesibhakabhaka,
Mlilo ekothiwa kuwo,
Usenjenjalo nje,
Ungomomisi wendalo.





Masibhale

Beka
unonca
kwizikhewu
ezichanekileyo.

Injani imozulu yale veki?

Beka unonca kwindawo echanekileyo ubonise ukuba injani na imozulu yale veki.


Emva koko ncamathelisa ubuso obuncumileyo ubonise ukuba yeyiphi imozulu oyithandayo nongayithandiyo.

NgoMvulo	NgoLwesibini	NgoLwesithathu	NgoLwesine	NgoLwesihlanu



Masibhale


Faka imibala kwiimilo usebenzise umbala wechokoza ukuze ubone ukuba ngumfanekiso wantoni na.





Masibale

Cinezela phezu kwenani. Sebenzisa iminwe yakho ubonise inani ngalinye uze ulandele imigca echokoziweyo ukuze ufumane inani elichanekileyo.





Masifunde

Jonga imifanekiso uze uxele ukuba benza ntoni na aba bantwana. Xela ukuba yenziwa ebusuku okanye emini. Faka umbala elangeni ukuba loo nto uyenza emini nasenyangeni ukuba uyenza ebusuku.

ukulala



ukukhwela ibhasi



intombazana iyaqubha



inkwenkwe ibukele umabonakude



amantombazana ayafunda



amakhwenkwe adlala ibhola ekhatywayo



Xela ukuba uzenza ngeliphi ixesha ezi zinto

kusasa

emva
kwemini

ebusuku







Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubonayo.
Sazi njani ukuba kusekwindla ngoku?

Beka
unonca
wizikhewu
ezichanekileyo.

Kusekwindla





Masibhale

Sika itshathi uze uqhoboshele isandla. Yiguqule ukuze ubonise ukuba kulelippi ixesha lonyaka. Xelela umhlobo wakho ukuba uthanda ntoni ngexesha ngalinye lonyaka.

Entwasahlobo



Ehlotyeni



Ebusika



Ekwindla






Sika itshathi uze uqhoboshele isandla. Yiguqule ukuze ubonise amaxesha ahlukeneyo osuku. Chaza ukuba wenza ntoni ngelo xesha.

Kusasa



Emini

Ebusuku



Ngokuhlwa



Masibhale

Faka imibala kulo mfane kiso uze uxele ukuba leliphi ixesha lonyaka.

Ncamathelisa oononca amagqabi ukuze ugqibezele umfane kiso wakho.



Igama lam ndingu





Imisiko



3 ↔ 3 1 ↔ 1 2 ↔ 2 1 ↔ 1

5 2 4



Idomino zemifanekiso:

Sika amakhasi kwimigca echokoziweyo emnyama uze utshatise amanani nemifanekiso echanekileyo.

Iphazile:

Sebenzisa imiva yemifanekiso uze wakhe iphazile. Kuyanceda ukwakha umda wangaphandle kuqala.

Ukutshatisa amakhasi:

Sika amakhasi kwimigca echokoziweyo emnyama uze utshatise amakhasi kunye neebloko ezikwiphepha le-14.

Umdlalo wokukhumbula:

Tshofa amakhasi uze uwabeke etafileni ubuso bujonge phantsi. Phequla amakhasi abe mabini ngexesha.


Ukuba ayafana wabeke ecaleni.

Khangela ukuba ngubani oza kugqiba kuqala ukuwabeka ecaleni onke.

Sebenzisa amakhadi akho okukhumbula uze udlale usinepi nomhlobo wakho.


Iincwadi zokufunda:

Landela imiyalelo uze wenze le ncwadi isikwayo. Yiya nayo ekhaya uze uyifundele abahlobo bakho nabantu bakowenu.




SIKA APHA

SONGA APHA




4


5



SONGA APHA



QHOBOSHA APHA





IMISIKO YAM



Masenze

Sika iphepha kule migca ichokoziweyo uze uncamathelise iphepha kuqweqwe lwangasemva ukuze wenze ipokotho. Gcina imisiko yakho kule pokotho ukuze ingalahleki.

1 | 4

3 pencils | 4 oranges

3 apples | 1 lime

3 bananas | 4 cookies

3 corn cobs | 2 bottles

1 butterfly | 2 gift boxes

1 | 2 boots

5 blue circles | 1 tomato

2 pigs | 3 feathers

1 shirt | 2

2 leaves | 4

5 | 3 green circles

3 | 5 shirts

6 flowers | 4 pink circles

2 red circles | 6 candies

1 apple | 5 purple circles


3 yellow circles | 2 beach balls


5 oranges | 2


5 | 2 green circles

1 | 4 frogs




3 | 2 roses








n o p q r s t u v w x y z







Siyatya.

4



Sitya iayisi khrimu.

5



UNomsa noAnn.



UAnn uneminyaka
emithandathu (6).

8



1



Sikhwela ibhayisikile.

6




Siyafunda.

3



Siyadlala.

2



Yikati yam le.

7